Isifundo 4 **Julayi 17–23*

Ixabiso Lophumlo



Sabatha Emva kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki: *2 Sam. 11:1–27, 2 Sam. 12:1–23, Gen. 3:1–8, 1 Yohane 1:9.*

Indima Yenkumbulo: "Dala phakathi kwam, Thixo, intliziyo ehlambulukileyo, uhlaziye umoya oqinisekileyo phakathi kwam" *(INd. 51:10)***.**

Abantu abaninzi baxakeke kakhulu befuna intwana nje yoxolonokuzola. Bakulungele ukukuhlawulela oko. Kwizixeko ezininzi ezikhulu kukho amagumbi oqhagamshelano lwasimahla, anokuqesha ngokuhlawula ngeyure. Imigaqo yalapho kukungabikho kwengxolo ngokupheleleyo, kungabikho neendwendwe. Abantu bakulungele ukuhlala bezolile bacinge kuphela okanye balale. Kukho imiqamelo yokulala nezixhobo zokuziphulaphulela eyakho ingxolo oyikhethayo. Kukwakho neminqwazi enxitywayo okanye izinto ezikukhusela engxolweni onokuzithenga ugqume intloko okanye ukuza kuthi ga esifubeni ukuze ube kude nokusebenza okanye ukuva ingxolo ongayifuniyo.

Uphumlo lwenene nalo lunexabiso. Nangona abanolwazi ngezixhobo zokuzinceda bezama ukuba sikholelwe ukuthi singasiceba ngokwethu isiphelo sethu nokuba ukuphumla kuyinto ozikhethelayo noyicebayo, sithi xa sesiyiqaphela ngokwenene yonke le nto, siqonde ukungabi nako kwethu ukuzizisela uphumlo lwenene ezintliziyweni zethu. Unozala webandla lenkulungwane yesine uAugastine, kwincwadi yakhe yodumo *iConfessions (Book 1)*, xa wayecinga ngobabalo lukaThixo, watsho ngokuphandle ukuthi: "Usidalele Wena, zaye iintliziyo zethu azinakonwaba, zide zifumane ukuphumla kuWe."

Kule veki siza kukrwaqula ebomini bomntu obuthandwa nguThixo ukuba sibone indlela awalifumana ngayo ixabiso elililo lophumlo lukaThixo.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaJulayi 24.*

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 28 2021/06/14 12:26

Ukuqobeka Nokunxapha

Ngorhatya olupholileyo lwentlakohlaza, ukumkani uDavide owayengonwabanga wenyukela kuphahla lwebhotwe lakhe. Wayemele ukuba unomkhozi wakhe kwelinye icala lomlambo iYordan. Wayemele ukuba ukhokele abantu bakaThixo ekoyiseni ama-Amoni aze ekugqibeleni azise uxolo kubukumkani bakhe.

Ukungabikho kule ndawo wayefanele ukuba ukuyo kwavula ucango kuDavide ukuba agagane nesihendo. Lifunde ibali ku-2 Samuweli 11:1–5. Yintoni eyenzekayo, waza wenza isono esikhulu esinjani uDavide?

_____

_____

UDavide wabona umfazi "omhle kunene" ehlamba eluphahleni. Iimvakalelo zesono zamxhakamfula ngolo rhatya, waza walala noBatshebha, umfazi wegosa lomkhosi elalithembekile. Njengabo bonke ookumkani bakudala, uDavide wayenegunya elipheleleyo. Njengokumkani wayengadingi ukulandela imigaqo elawula bonke abanye abantu. Ngenxa yoko, ibali elibuhlungu elilandela esi siganeko kusapho lukaDavide liyasikhumbuza ukuba, inyaniso yeyokuba, nokumkani ngokwakhe, wayengekho ngaphezulu komthetho kaThixo.

Ngokwenene, umthetho ukho ukuba ukhusele, waluse, kangangokuba nokumkani ngokwakhe, xa athe waphum' ecaleni kuwo, wayejongana neziphumo ezoyikekayo. Ngako nje ukuba uDavide agqithe imida yomthetho kaThixo, waqala ukuwava amagalelo oko kumacala onke obomi bakhe. UDavide wayecinga ukuba ukuphosa inkanuko yakhe ecaleni akuzange kuqatshelwe; kanti ke ngoku, uBtshebha wayekhulelwe, waye umyeni wakhe ekude, engekho.

Funda: 2 Samuweli 11:6–27. Wazama njani uDavide ukusigquma isono sakhe?

_____

_____

Nawona macebo kaDavide anobuqhopholo, okuzama ukubuyisela u-Uriya ekhaya kumkakhe uBhatshebha, awa phantsi. U-Uriya wayeyindoda egama layo lalisezinkwenkwezini, wasuka waphendula kubuqhopholo bukaDavide ngokuthi: " 'Ityeya namaIsrayeli namaYYuda ahleli eminqubeni, nenkosi yam uYowabhi nabakhonzi benkosi yam bahleli endle; mna ndiye endlwini yam, ndidle, ndisele, ndilale nomkam?' " *(2 Sam. 11:11)*. Ekugqibeleni, uDavide owayetshelwe zizicheku, wakusebenza ekude ukubulawa kukaUriya, ukugquma isono sakhe.

Kunzima ukukholwa ukuba uDavide, owayenikwe okuninzi kangaka nguThixo, wayenokuhla aye kumgangatho ophantsi kangako. Nokuba singoobani, sisilumkiso esithini esifanele ukusifumana sonke kweli bali?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 29 2021/06/14 12:26

Ubizo Lokusivusa

Enzulwini yawona maxesha amnyama ebomini bukaDavide, kubekho iindaba ezilungileyo: *UThixo uthumele umprofeti waKhe*. UNathan noDavide babesazana kakuhle. Ngaphambili, uNathan wayemcebisile uDavide kumacebo wakhe okwakha itempile *(2 Samuweli 7)*. Ngoku, umprofeti uza kukumkani noxanduva olwahlukileyo.

Ucinga ukuba kutheni le nto uNathana ekhetha ukwenza ibali kunokuba ambize ngegama amphoxe kwangoko uDavide? Funda: 2 Samuweli 12:1–14.

_____

_____

UNathan wayeyazi into amakayithethe, waza wayithetha ngendlela awayeya kuthi uDavide ayiqonde. Wabalisa ibali uDavide, owayengumalusi ngaphambili, wayekwazi ukuvuthwa kwengqondo kaDavide ngasebulungiseni nasekuthembekeni. Kungoko, ngandlela ithile, omnye enokuthi uNathan wambekela umgibe waza wangena waphelela kuwo uDavide.

Wathi xa uDavide, engaqondanga, akuvakalisa isigwebo sakhe sokufa, uNathan wathi, " 'Loo ndoda nguwe' " *(2 Sam. 12:7)*. Zininzi iindlela ezahlukeneyo zokuthi "Loo ndoda nguwe." Omnye angakhwaza, omnye angammangalela emnyola ebusweni, okanye omnye angatsho ngokukhathazeka nenkathalo. Amazwi kaNathan ayambathiswe yimfesane. Ngelo xesha, uDavide unokuba wayiva intlungu anokuba uyayiva uThixo xa omnye woonyana baKhe okanye weentombi zaKhe ephuma ecaleni kwintando yaKhe esazi. Kwathi qatha nto ithile engqondweni kaDavide. Kwabakho into eyikrazulayo intliziyo yakhe.

Kutheni le nto uDavide ephendula ngokuthi: "Ndonile kuYehova" kunokuba athi, "Ndonile kuBatshebha" okanye "Ndingumbulali" *(2 Sam. 12:13; bona nakuINd. 51:4)***?**

_____

_____

UDavide waqonda ukuba isono, into eyenza intliziyo yethu ingabi nako ukuphumla, kuqala sikukugilana noThixo, uMdali noMhlanguli. Siyazilimaza, sichukumise nabanye. Sizisa ihlazo kwiintsapho zethu okanye emabandleni. Kuthi ekugqibeleni, senze buhlungu uThixo sibethelele esinye isikhonkwane kumthi odlakadlaka obhekise ngasezulwini eGolgotha.

"Ukukhalima komprofeti kwayichukumisa intliziyo kaDavide, isazela savuka; ityala lakhe lavela ngabo bonke ububi balo. Umphefumlo wakhe wathoba uguquka phambi kukaThixo. Ngemilebe engcangcazelayo wathi, "Ndonile kuYehova." Konke ukona okwenziwe kwabanye, kubuya kwabo balinyaziweyo buye kuThixo. UDavide wenza isono esibi, ngaku-Uriya noBhatshebha, wayiva kabuhlungu le nto. Kunjalo nje, sasisikhulu kakhulu isono sakhe ngakuThixo."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, iph. 722.

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 30 2021/06/14 12:26

Ingaba Kuxolelwa Kulityalwe?

Emva kokuba uDavide, engaqondanga, wavakalisa isigwebo phezu kwakhe *(2 Sam. 12:5, 6)*, uNathan wamngqala ngobukhulu besono sakhe. Intliziyo kaDavide yaphuka, wasivuma isono sakhe. Kwangoko, uNathan wamqinisekisa ngelithi " 'Naye uYehova usikhwelelisile isono sakho' " *(2 Sam. 12:13)* nokuba usixolelwe. Akukho xesha lokulinda ekuxoleleni kukaThixo. UDavide akadingi ukuba abonise ukuba unyanisekile ngokwenene phambi kokuba anikwe uxolo.

Sekunjalo, uNathan, owayesele ezixele kwangaphambili iziphumo zesono sikaDavide ku-2 Samuweli 12:10–12, waqhubeka emxelela ukuba umntwana oya kuzalwa uya kufa.

Kuthetha ntoni ukuthi uThixo usisusile isono sikaDavide? Ingaba wasuka wasisula nje kwacoceka? Ingaba wonke umntu usuka nje alibale ngaso? Funda: 2 Samuweli 12:10–23 ngoku ucamngca le mibuzo.

_____

_____

UDavide unokuba wamangala ngale mibuzo xa wayelibona ilizwe lidilika–-usana lufile, usapho lwakhe luyimpasalala— (amabali ka-Amnon noAbhisalom ayimizekelo emibini eqinisekileyo yeenkathazo zobomi eziyinene), ikamva lakhe lingaqinisekanga. Kanti ke, ngaphandle kweziphumo zesono sakhe, esachukumisa nabantu abangonanga nje ngoUriya nosana oluncinane, uDavide naye waqala ukuluqonda ubabalo lukaThixo ukuba luya kukugquma oku nokuba, ngenye imini, zonke iziphumo zesono ziya kupheliswa. Okwangoku, unako ukufumanela ukuphumla isazela sakhe esikhathazekileyo kubabalo lukaThixo.

UDavide uyive iyintoni eyona ntswelo yakhe? Ulangazelela ntoni? Funda: INdumiso 51:1–6.

_____

_____

NgeNdumiso 51, uDavide udandalazisa ekuhleni ngokuvula intliziyo yakhe evuma isono sakhe. Isikhalo sikaDavide sibhenela kwinceba kaThixo yothando olungawi phantsi kwanobukhulu bemfesane yakhe. Ulangazelela ukwenziwa ngokutsha.

Xa siphawula ixabiso lokuphumla kuYesu, sidinga kuqala ukuba siqonde ukuba sidinga uncedo lwangaphandle; singaboni saye sidinga uMsindisi; siyaziqonda izono zethu size sikhalele kuLowo ikuphela kwaKhe onokusihlamba, asihlambulule, asenze ngokutsha. Xa sikwenza oku, singaba naso isibindi: nguye lo umkrexezi, usomaqhinga, umbulali, umntu owaphule ubuncinane imithetho emihlanu kweliShumi ecela uncedo—ebanga isithembiso soxolelo lukaThixo.

Ukuba uThhixo wamxolela uDavide koko wakwenzayo, lingakanani ithemba onokuba nalo wena, ngawe?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 31 2021/06/14 12:26

Into Entsha

Emva kokuba uDavide esivumile isono sakhe engakhange azame ukusithethelela okanye enze ngokungathi yinto engabalulekanga, uqhubeka nokumbongoza uThixo. Yintoni acela yona kuThixo? Funda: INdumiso 51:7–12.

_____

_____

Xa uDavide ethetha ngokuhlanjululwa ngehisope, usebenzisa isaci esaziwa ngumntu wonke kwaIsrayeli owakha wahambela engcweleni. Xa ebhekisa kwinkonzo yesenzo sokuhlambulula echazwe emthethweni kaMoses *(Lev. 14:4)*, wayewaqonda amandla ombingelelo—uMbingelelo—owawuza kubakho kwixesha elizayo ukuba ususe izono zehlabathi.

UDavide uqhubeka nokucela "imihlali nemivuyo." Ngoku ejongene nobukhulu besono sakhe, ayisosibindi kodwa esi?

Mhlawumbi kungaluncedo ukuphulaphula ukubeka ngamanye amazwi isicelo sakhe: "Ndixelele ukuba ndixolelwe ukuze ndingene engcweleni kwakhona apho ndiya kuva imihlali nemivuyo yabo bakunqulayo."

Bathi bakona uAdam noEfa, bazifihla ebusweni bukaThixo *(Gen. 3:8)***. Ucinga ukuba kutheni le nto isicelo sikaDavide sahlukile, nasemva kwesono sakhe? Funda: INdumiso 51:11, 12.**

_____

_____

UDavide akafuni kulahlekwa kukwazi ukuba uhleli phambi kukaThixo. Uyaqonda ukuba, ngaphandle kukaMoya Oyingcwele, akanawo amandla. Uyazi nokuba, njengokuba kwaba lula ukutyibilika awe esonweni noBhatshebha, angatyibilika awe esonweni kwakhona. Kuphele tu ukuzithemba kuye.

UDavide uyaqonda ukuba uloyiso lwexesha elizayo alusayi kuphuma kuye; luya kubakho luvela kuThixo kuphela xa exhomekeke kuye uThixo ngokupheleleyo.

Ubomi boloyiso lomKristu asinto evela nephelele kuthi. Bunento yokwenza noYesu kuphela. Sincwina sifuna *ubukho baKhe*; silangazelela *uMoya waKhe*; sifuna uvuyo losindiso *lwaKhe*. Siyasivuma isidingo sethu sokwenziwa ngokutsha nokubuyiselwa. Sidinga uphumlo lwaKhe—isenzo sikaThixo sokudala ngokutsha. Uphumlo lwendalo alukude ekuxoleleni. "Dala phakathi kwam, Thixo, intliziyo ehlambulukileyo, uhlaziye umoya oqinisekileyo phakathi kwam" *(INd. 51:10)* usebenzisa izaci zokudala. KwiTestamente eNdala nguThixo kuphela onoku "dala" (*bara'*)—kwaye ngako nje ukuba sidalwe ngokutsha, singanako ukuphumla.

Ukuba akukayixhamli imihlali nemivuyo yokukhululeka kwisazela esinobutyala, yintoni ekubambileyo? Ukuba lityala [*okanye sisono*], yintoni ongayifunda kweli bali engathi ikuncede?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 32 2021/06/14 12:26

Izibonisi Zokukhanya KukaThixo

Mhlawumbi eyonanto iyindalo kuthi esinokuyenza emva kokulwa nokusilela okulihlazo nokuba namava okuxolelwa kukuzama ukulibala ukuba eso siganeko sakha senzeka. Iinkumbulo zokuwa *[okanye zokuphoxeka]* ziba buhlungu.

Ufuna ukwenza ntoni uDavide ngamava wakhe abuhlungu? Funda: INdumiso 51:13–19.

_____

_____

Xa isitya okanye ingqayi enexabiso isiwa yaphuke ibe ziingceba, sikholisa ukuba nesingqala sizilahle kude ezo ngceba zingenakube zenze nto. EJapan kukho isithethe sobuchule bezandla obubizwa ngokuthi *yikintsugi*, obutshatshele ngokwenza ngokutsha izitya zomdongwe ezaphukileyo. Kusetyenziswa isombiwa esingamanzi esinexabiso igolide okanye isilivere, ukuhlanganisa ngokuncamathisela ezo ngceba kwanokuyiguqula loo nto ibiyaphukile ukuba ibe yinto entle nenexabiso.

Lonke ixesha uThixo exolela ubugwenxa bethu, usidala ngokutsha kwakhona, kubekho into eguqukayo. Uxolelo lukaThixo olunexabiso luhlanganisa luncamathisele ukwaphuka kwethu, kuze okubonakalayo ukwaphuka kutsalele ingqondo kubabalo lwaKhe. Sinako ukuba ngabasasazi bokuvakala kwelizwi bakaThixo. "Lomemelela ngobulungisa bakho ulwimi lwam" *(INd. 51:14)*. Asizami ukuzilungisa ngokwethu okanye ukuziphucula (nokuba kungokuzinyusa). Imimoya yethu eyaphukileyo, iintliziyo zethu ezityumkileyo, zanele ukumdumisa uThixo—zaye ziyimitha yokukhanya ukuze ihlabathi elithi ihlabathi likubone kusijikelezile. Amava okuxolelwa kwethu ayabatsala nabanye abafuna ukuxolelwa.

Lulwalamano olunjani olukhoyo phakathi kweINdumiso 51 no-1 Yohane 1:9?

_____

_____

U-1 Yohane 1:9 sisishwankathelo esifutshane seNdumiso 51. Njengoko uDavide esazi ukuba "Intliziyo eyaphukileyo, etyumkileyo, Thixo, akuyi kuyidela" *(INd. 51:17)*, uYohane uyasiqinisekisa ngelithi, "Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile ulilungisa, ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi" *(1 Yohane 1:9)*. Sinako ukuyamkela into ayithethayo uThixo. Kwakhona, uDavide akakwazi ukuwulungisa umonakalo omkhulu awenzileyo ngesenzo sakhe nomzekelo wakhe kusapho lwakhe. Waxhamla iziphumo zezigqibo nezenzo zakhe. Sekunjalo, uDavide wayesazi ukuba waxolelwa. Waza ukuba wayedinga ukuthembela ngokholo ekubeni ngenye imini iMvana kaThixo eyinyaniso iya kuza ime endaweni yakhe..

Ungakufunda njani, khona ngoku, ukusebenzisa izithembiso zika-1 Yohane 1:9 ebomini bakho? Umele ukuziva njani emva kokuba ukwenzile oko nokwazi ukuba isithembiso eso sesakho nawe?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 33 2021/06/14 12:26

Ingcamango Eyongeziweyo: Ukuguquka kukaDavide kwakunyanisekile, kunzulu. Kwakungekho mizamo yokubetha ngoyaba ulwaphulo-mthetho lwakhe. Ukungabikho kolangazelelo lokusinda kwizigwebo ezazisendleleni, kwaphembelela umthandazo wakhe. . . . Wakubona ukungcoliswa komphefumlo wakhe; wasicekisa isono sakhe. Wayengathandazeli kuxolelwa, kodwa ubunyulu bentliziyo. . . . Emadingeni kaThixo kuboni abaguqukayo, wabona ubungqina bokuxolelwa nokwamkelwa kwakhe. . . . . 'Imibingelelo kaThixo ngumoyа owaphukileyo, intliziyo eyaphukileyo, etyumkileyo, Thixo akuyi kuyidela' INdumiso 51:16, 17.

Nangona uDavide wayonile, uYehova wamphakamisa. . . . Ngoku wayehambelana ngokupheleleyo noThixo enalo novelwano ngakwabanye abantu kunokuba wayenjalo ngaphambi kokuba awe. Kuvuyo lokukhululwa kwakhe, wavuma, wathi:

"Ndikwazisile isono sam, ubugwenxa bam andabugquma;
Ndathi, Ndoluvuma ukreqo lwam kuYehova;
Wabuxolela ke wena ubugwenxa besono sam. . . .
Wena uyindawo yokuzimela kwam;
uyandilondoloza embandezelweni,
Undingqonge ngomemelelo lokusiza." Ndumiso 32:5-7.

Baninzi abasolayo ngento abayibiza ngokuthi kukuswela ubulungisa kuThixo ngokusindisa uDavide, osono sakhe sasisikhulu kakhulu, ekubeni ale uSawule obonakala kubo enze izono ezincinane kakhulu.

"Nangona uDavide wayonile, uYehova wamphakamisa. . . .
"UDavide wazithoba, wasivuma isono sakhe, kanti yena uSawule wakudelela ukuthethiswa wayenza lukhuni intliziyo yakhe ngokungaguquki.

"Le ndawo, embalini kaDavide, iyenye yezona ndawo zizizibonelo ezinamandla esizinikiweyo emadabini nakwizihendo zoluntu, nenguquko yenene. . . . Kuzo zonke izizukulwana, . . . amawaka-waka abantwana bakaThixo abawa esonweni, . . . bakhumbule indlela yenguquko yenene nokuvuma kwakhe . . . nabo baba nesibindi ukuba baguquke bazame kwakhona ukuhamba endleleni nasemithethweni kaThixo.

Nabani na othi . . . awuthobe umphefumlo wakhe ngokuvuma nokuguquka, njengoko wenza uDavide, likho ithemba ngaye.... UYehova akasayi kuze awulahle umphefumlo oguquka ngokwenene."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, amaph. 725, 726.

"Ukuguquka kukaDavide kwakunyanisekile, kunzulu. Kwakungekho mizamo yokubetha ngoyaba ulwaphulo-mthetho lwakhe. Ukungabikho kolangazelelo lokusinda kwizigwebo ezazisendleleni, kwaphembelela umthandazo wakhe. . . .. Wakubona ukungcoliswa komphefumlo wakhe; wasicekisa isono sakhe. Wayengathandazeli kuxolelwa, kodwa ubunyulu bentliziyo. . . . Emadingeni kaThixo kuboni abaguqukayo, wabona ubungqina bokuxolelwa nokwamkelwa kwakhe. . . . 'Imibingelelo kaThixo ngumoyа owaphukileyo, intliziyo eyaphukileyo, etyumkileyo, Thixo akuyi kuyidela' INdumiso 51:16, 17.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. **Singakufumana njani ukuzinza phakathi kokuyiqonda imeko yokuba nesono engaphakathi kwethu nesidingo sokuxolelwa, sibe ngelo xesha linye, siphila ngokoonyana neentombi abaxolelweyo boKumkani weYunivesi esingabo, ke phofu?**
2. **Kutheni le nto, ekugqibeleni, sonke isono sisisono ngakuThixo?**
3. **Yintoni esingayixelela omnye, ongakholwayo, ozamana nokuphatheka kakubi kwabantu abamsulwa, njengoUriya okanye umntwana owayesanda kuzalwa kaDavide noBhashebha? Siluchaza njani uthando nobulungisa bukaThixo kwimeko enjalo? Umbono wembambano enkulu usinika njani imbono eluncedo?**
4. **Kwenziwa yintoni le nto iBhayibhile ithabatha izahluko ezibini zonke kwibali elimdaka likaDavide noBhatshebha? Ithini injongo efezwa kukulibaliswa kweli?**
5. **Gxilani kwingcamango yokuba isono sisahlula kuThixo njengoko kutshiwo kwi-INdumiso 51:11, 12. Athini awakho amava ngendlela ekwenzeka ngayo oku? Uziva njani? Ungamchazela njani omnye ukuba oku kwahlukana kunjani nokuba kutheni le nto kungonwabisi kangaka? Kutheni le nto isithembiso sobabalo ikuphela komathunga?**

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 34 2021/06/14 12:26